



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2021**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 100**

---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-15.

---

## ICANDELO A: ISINCOKO

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, necatshulwe kwirubhrikhi yovavanyo, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuyila, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni – ingakumbi kwiCANDELO B.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi kubandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.

**IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA****ICANDELO A: ISINCOKO**

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko efumaneka kwiphepha le- 9, ele-10 nele-11 lesi sikhokelo.

**IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UKUHLOLA**

<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	5
AMANQAKU EWONKE	50

1. Funda isincoko sonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO noCWANGCISO.
2. Funda isincoko kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.
3. Funda isincoko kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo leSAKHIWO. **[50]**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-12 lesi sikhokelo.

**IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UKUHLOLA**

<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	25

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.
2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA. (25 x 2)= **[50]**

**QAPHELA:**

- lifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/zifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa kuphela njengesikhokelo kubamakishi.
- Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Kulindeleke ukuba abaviwa babhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Abaviwa bangabhala nangaluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esicamngcayo, esixoxayo, esivelela amacala omabini, okanye naziphina ezidityanisiweyo kwezi.

**1.1 Ndingayintoni ngaphandle kwakho.**

- Abaviwa banganika impendulo enentsingiselo ethe ngqo/ efihlakeleyo/ bazixube iintsingiselo zeempendulo.
- Abaviwa bangachaphazela isiganeko/ iziganeko ezikhokelele kula mazwi.
- Abaviwa bangachaza igalelo lalo mntu mnye ebomini babo.
- Abaviwa bangachaza izinto abacinga ziya kubahlela ukuba bangashiywa ngulowo mntu bamchazileyo.
- Isincoko masibe nothungelwano.
- Izimvo mazibe zeziqisiweyo nezixhokonxa iingcinga.
- Kufuneka ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Isincoko masisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo. **[50]**

**1.2 Amaphupha angafezekanga.**

- Esi sihloko singatolikwa ngokwezimvo okanye ngocamngco nzulu.
- Abaviwa bangachaza beveza ukuba yintoni na amaphupha.
- Abaviwa bangaveza ukuba anjani amaphupha angafezekanga, izizathu zokungafezeki kwamaphupha lawo nokuba kungalungiswa njani oko. Basenakho nokuwachaza la maphupha angafezekanga baze baveze neziphumo zoko.
- Ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Isincoko masibe nothungelwano.
- Isincoko masisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo. **[50]**

**1.3 Imingeni izizithintelo nangona ikwangamanqwanqwa kwindlela eya empumelelweni.**

- Abaviwa bangachaza ukuba yintoni imingeni nemizekelo yayo.
- Abaviwa bangaveza ububi/ubuhle obuza neningeni ekuphileni.
- Abaviwa bangabalisa ngemizekelo yabantu ababaziyo abathe bayisebenzisa imingeni njengesithintelo/njengamanqwanqwa.
- Abaviwa bangaveza neengcebiso ngemingeni.
- Isincoko masibe nothungelelwano.
- Ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi ezichanekileyo.

**[50]**

**1.4 Unyawo alunampumlo.**

- Abaviwa banganika intsingiselo ethe ngqo nefihlakeleyo.
- Abaviwa bangabalisa ibali elicacisa gca ngesaci.
- Isincoko masilungelaniswe sibe nonamathelwano.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Isincoko masisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

**[50]**

**1.5 Xabisa inkcubeko yakho.**

- Bangaqala babhale bachaze inkcubeko nokuyazi kwabo.
- Mabaveze iimbono zabo ngezinto ezinokwenziwa xa ubani ebonisa ukuxabisa inkcubeko yakhe.
- Bangabhala nangemizekelo engamabali abantu abangayixabisayo inkcubeko yabo bangaveza neziphumo ezingaginyisi mathe zokwenza oko.
- Bangabhala nemizekelo yabantu abayinyembayo nabo bangayazi konke konke inkcubeko yabo.
- Mababhale isincoko esivuthiweyo nesixhokonxa iingcinga.
- Isincoko masilungelaniswe sibe nonamathelwano.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Isincoko masisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

**[50]**

**1.6 Izinto ezingenziwa nguRhulumente ukuphucula uqoqosho ngexesha leKhorona**

- Mabaveze iimbono zabo zezinto ezingenziwa nguRhulumente.
- Bangaqala bazobe imeko eyenziwe yiKhorona.
- Bangavelela iziphumo ezihle zezo mbono zabo.
- Mabaxoxe ngokuvokothileyo nangokuvakalayo bangagungqi kwisihloko.
- Isincoko masilungelaniswe sibe nonamathelwano.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi oluchanekileyo.
- Isincoko masisebenzise ifomathi ehambelana nesincoko asikhethileyo.

**[50]**

1.7 **QAPHELA:** Kufuneka kukho ikhonkco elicacileyo phakathi kwesihloko sesincoko nomfanekiso okhethiweyo.

1.7.1 **Izandla neengalo ezimbini zibotshwe ngentsontelo esuka kwifowni ephathwa ngesandla. Izandla zibonakala zigogene size esasekhohlo sibeneendawo ezijongeka zidumbile.**

- Abaviwa banganika impendulo enentsingiselo ethe ngqo/ efihlakeleyo/bazixube iimpendingulo.
- Abaviwa mabaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo.
- Abaviwa mababhale isincoko esinonamathelwano.
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi ezichanekileyo. **[50]**

1.7.2 **Abantu abane bame phezulu kwentaba baze abathathu kubo babambene ngeezandla, ongaphambili kwesi sithathu wolule isandla ebonakalisa ukufuna ukunceda omnye umntu osezantsi, naye wolule isandla esibonakalisa ukuba ufuna ukuncedwa.**

- Abaviwa banganika impendulo enentsingiselo ethe ngqo/ efihlakeleyo/bazixube iintsingiselo zeempendingulo.
- Abaviwa mabaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo.
- Abaviwa mababhale isincoko esinonamathelwano
- Kulindeleke ulwimi nolwakhiwo lwezivakalisi ezichanekileyo. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Kulindeleke ukuba abaviwa bakhethe imihlathi ibe MIBINI kule ibuziweyo. Ubude bempendulo nganye mabube li-100–120 amagama ngomhlathi ngamnye. Oku kubhekisa kumxholo kuphela. Ulwimi, irejista isimbo sokubhala nethoni masifanelane nenjongo yobhalo.

**2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

- Abafundi kufuneka bagxile kumba wokukhalazela impatho embi abayifumene kunogada wevenkile yempahla.
- Ifomathi: iidilesi zimbini, yeyombhali neyalowo ubhalelwayo, umhla, isikhundla sombhalelwa nedilesi yombhalelwa, isibuliso esichanekileyo, umcimbi nesiphelo esichanekileyo silandelwa yifani noonobumba-magama ombhali.
- Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama sibe sesifanelekileyo. **[25]**

**2.2 INGXELO ESESIKWENI**

- Umviwa makabhale ngokwefomathi echanekileyo.
- Makabonise ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.
- Umviwa makanike iinkcukacha ezichanekileyo ngotyelelo kwikhaya leenkedama.
- Makabhale isihloko, intshayelelo, isiqu, isiphelo, izindululo, izalathisi nezihlomelo.
- Umviwa makathethe ngeengongoma ezinika abaphulaphuli ulwazi.
- Makasebenzise ulwimi olusesikweni.
- Makabhale igama lombhali aze asayine.
- Umviwa makabhale umhla ebhalwe yasayinwa ngayo. **[25]**

**2.3 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO****Isivi:**

- Iinkcukacha zalowo ucela umsebenzi.
- Imbali ngobom bakhe equka ubudala, ukuhlala njalo njalo.
- Impumelelo ngokwasemfundweni.
- Amava anawo ngomsebenzi ahambelana nesithuba eso.
- Izinto azithandayo ezinokuncedisa kolu khetho.
- Abantu abanokungqinisisa ngalowo ucela umsebenzi.

**Ileta eyikhaphayo**

- Mayibhalwe ngefomathi nolwimi lweleta esesikweni.
- Umxholo mawube ngumyalezo omfutshane wokugqithisa isivi njengesizathu sokubhalwa kwayo, ukuzazisa, imfundo / amava ahambelana nesibhengezo, ukuwufanela lo msebenzi.
- Ukuqokumbela nokusayina. **[25]**

**2.4 ILETA YOBUHLOBO**

- Umviwa makagxile kuvelwano analo xa umhlobo wakhe eshiywe ngumzali.
- Ifomathi: idilesi yombhali enomhla, isibuliso, intshayelelo, isiqu nesiphelo esifanelekileyo, ifani yombhali ayifuneki nganto. Makuqatshelwe idilesi yesitalato neposi azisetyenziswa kunye.
- Ulwimi olusesikweni noluhloniphayo.
- Ibhalwa ngohlobo lomhlathi.

**[25]****2.5 UDLIWANONDLIBE**

- Makubhalwe udliwanondlebe olumalunga nobulungisa obenziwe ngumviwa.
- Malubhalwe phakathi komviwa kunye nomsasazi woMhlobo wenene.
- Mabanike amagama esithethi ngasinye kwicala lasekhohlo.
- Makushiye imigca phakathi kwentetho yezithethi.
- Kwintshayelelo obuza imibuzo unika imvelaphi yomntu obuzwayo.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nobulungisa obenziwe ngumviwa.
- Iimpendulo mazicacise ngokupheleleyo.
- Umtu obuzwayo uphendula imibuzo.

**[25]****2.6 INQAKU LEPHEPHANDABA**

- Maliveze iimbono zomviwa malunga nombala wokuxhatshazwa kwabantu basetyhini.
- Isihloko masibe sifutshane sidlwengule umxhelo.
- Makukhankanywe igama lephephandaba.
- Inqaku malahlulwe ngokwezintlu.
- Makukhankanywe igama lombhali.
- Makuvele umhla nonyaka elibhalwe ngawo inqaku elo.
- Ithoni mayichukumise uvakalelo.
- Makabhale isihloko, intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**[25]****AMANQAKU ECANDELO B: 50****AMANQAKU EWONKE: 100**



**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (zephepha lesi-3, ICANDELO A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlukahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlukahlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asicatshazelwa kukwahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezulu nelizezantsi

Imiqathango		Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b>  <b>(Impendulo nezimvo)</b> Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa. Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.	Inqwanqwa eliphakamileyo	<b>28–30</b> -Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile. -Lizimvo eziqisisiweyo, ezixhokona iingcinga nezivuthiweyo. -Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.	<b>22–24</b> -Impendulo ixongxwe ngobugcisa. -Lizimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	<b>16–18</b> -Impendulo iyanelisa. -Lizimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokuse-mxholweni. - Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo.	<b>10–12</b> -Impendulo ayinaluthungelwano lungqinelanayo. -Lizimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	<b>4–6</b> -Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Lizimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo. -Azicacanga kwaye kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani
		<b>30 AMANQAKU</b>	Inqwanqwa elingezantsi	<b>25–27</b> -Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenqeza phambili. -Lizimvo ezivuthiweyo neziqisisiweyo. -Lizimvo zilungelelaniswe ngobugcisa zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	<b>19–21</b> -Impendulo ixongxwe kakuhle. -Lizimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo..	<b>13–15</b> -Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso. -Lizimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.

ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHELELA Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama esifanelenenenjongo/nesimo sentlalo. Uchongo magama. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, limpawu zokubhala, igrama, upelo.	Ingwangwa eliphakamileyo	14-15	11-12	8-9	5-6	0-3
		-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko. -Akukho nasinye isiphene segramu nopelo. -Sixonkxwe ngobugcisa obukhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama zinqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekile nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigramu nopelo. -Sixonkxwe kakuhle kakhulu.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama sinqongophele kakhulu.	-Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kwisigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo.
<b>15 AMANQAKU</b>	Ingwangwa elingezantsi	13	10	7	4	
		-Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo. -Akukho nasinye isiphene segramu nopelo. -Sixonkxwe ngobugcisa.	-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile. -Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile. -Zimbalwa iziphene zegramu nopelo. -Sixonkxwe kakuhle.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya. -Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele.	-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga. -Kuncinci okanye akukho ukohluka – hlukana kwezivakalisi. -Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo.	
<b>ISAKHIWO</b> limpawu zodidi lwesincoko Ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi.		5	4	3	2	0-1
		-Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -linkcukacha ezigqwesileyo. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo.	-linkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisileyo. -Ziyathungelana. -Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahlukahlukene.	-Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemohlolweni. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisesemxholweni.	-Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. -Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene.	-Amanqaku asemxholweni awakho. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyu-bhutyu. -Isincoko siphume kwaphela emxholweni.
<b>AMANQAKU</b>		43-50	33-40	23-30	13-20	0-10
<b>A</b>	<b>Umxholo nocwangciso</b>					<b>30</b>
<b>B</b>	<b>Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela</b>					<b>15</b>
<b>C</b>	<b>Isakhiwo</b>					<b>05</b>
	<b>Amanqaku ewonke</b>					<b>50</b>

## ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>  -Impendulo nezimvo. -Ulungelwaniso lwezimvo nokucwangcisa. -Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/ imigaqo nesimo sentlalo.  <b>15 AMANQAKU</b>	<b>13–15</b>  -Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindelekile -Izimvo eziqiqisisekile nezivuthiweyo. -Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo. -Ubhalo lusemholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	<b>10–12</b>  -Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ubhalo lusemholweni. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkukacha zixhasa isihloko. -Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi.	<b>7–9</b>  -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Ayikho semxholweni ngokupheleleyo. -Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni. -Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo. -Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	<b>4–6</b>  -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemholweni kodwa ukuphambuka kubhalo. -Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	<b>0–3</b>  -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi. -Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho semxholweni kwaphela. -Ayithungelani komxholo nezimvo. -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b> Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo. Uchongo magama. Iimpawu zokubhala nopelo.  <b>10 AMANQAKU</b>	<b>9–10</b>  -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukoko. -Akukho ziphene konke.	<b>7–8</b>  -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwesimo sentlalo. -Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukoko nangokuchanekileyo. -Isigama sichaneke kakuhle. -Ubukhulu becala akukho ziphene.	<b>5–6</b>  -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi -Isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	<b>3–4</b>  -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. -Intsingiselo ilahlekile.	<b>0–2</b>  -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelani nenjongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.
<b>AMANQAKU</b>	<b>22–25</b>	<b>17–20</b>	<b>12–15</b>	<b>7–10</b>	<b>0–5</b>

Amanqaku asetyenziswa xa kukorekiswa isincoko:

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU															
A. UMXHOLO NOCWANGCISO	30	<table border="1"> <thead> <tr> <th>A</th> <th>B</th> <th>C</th> <th>EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0 – 30</td> <td>0 – 15</td> <td>0 – 5</td> <td></td> </tr> <tr> <td>30</td> <td>15</td> <td>5</td> <td>50</td> </tr> </tbody> </table>				A	B	C	EWONKE	0 – 30	0 – 15	0 – 5		30	15	5	50
A	B					C	EWONKE										
0 – 30	0 – 15					0 – 5											
30	15	5	50														
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15																
C. ISAKHIWO	5																
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>50</b>																

Amanqaku asetyenziswa xa kukorekiswa imihlathi:

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU											
A. UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15	<table border="1"> <thead> <tr> <th>A</th> <th>B</th> <th>EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0 – 15</td> <td>0 – 10</td> <td></td> </tr> <tr> <td>15</td> <td>10</td> <td>25</td> </tr> </tbody> </table>			A	B	EWONKE	0 – 15	0 – 10		15	10	25
A	B				EWONKE								
0 – 15	0 – 10												
15	10	25											
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10												
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>25</b>												
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>25 x 2 = 50</b>												

	IZINGA ELISISISEKO	UKUCWANGCISA NGOKUTSHA	UKUTHABATHA IZIGQIBO	UKUPHONO-NONGA	UKUNCOMA/UGXEKA	IINDIDI ZEZINCOKO	
1.	[50]					Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo esicamngcayo/esivelela amacala omabini.	[50]
2.			[50]			Esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo/ esixoxela amacala amabini omabini	[50]
3.			[50]			Esixoxayo/esicamngcayo/esibalisayo/ esichazayo/esivelela amacala omabini.	[50]
4.					[50]	Esivelela amacala omabini/esixoxayo/ esichazayo/esibalisayo.	[50]
5.				[50]		Esicamngcayo/esibalisayo/esichazayo/ esixoxayo/esivelela amacala omabini.	[50]
6.		[50]				Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/ esicamngcayo/esivelela amacala omabini.	[50]
7.,1			[50]			Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo esicamngcayo/esivelela amacala omabini.	[50]
7.2.		[50]				Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo esicamngcayo/esivelela amacala omabini.	[50]

Amanqaku asetyenziswa xa kukorekiswa isincoko:

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU															
A. UMXHOLO NOCWANGCISO	30	<table border="1"> <thead> <tr> <th>A</th> <th>B</th> <th>C</th> <th>EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0-30</td> <td>0-15</td> <td>0-5</td> <td>50</td> </tr> <tr> <td>30</td> <td>15</td> <td>5</td> <td>50</td> </tr> </tbody> </table>				A	B	C	EWONKE	0-30	0-15	0-5	50	30	15	5	50
A	B					C	EWONKE										
0-30	0-15					0-5	50										
30	15	5	50														
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15																
C. ISAKHIWO	5																
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>50</b>																

	IZINGA ELISISISEKO	UKUCWANGCISA NGOKUTSHA	UKUTHABATHA IZIGQIBO	UKUPHONONONGA	UKUNCOMA / UGXEKA	IMIHLATHI	
2.1	[25]					Ileta esesikweni	[25]
2.2		[25]				Ingxelo esesikweni	[25]
2.3			[25]			I-sivi neleta eyikhaphayo	[25]
2.4				[25]		Ileta yobuhlobo	[25]
2.5			[25]			Udliwanondlebe	[25]
2.6		[25]				Inqaku lephephandaba	[25]
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>25 x 2</b>						<b>[50]</b>

IMIQATHANGO	AMANQAKU	ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU											
A. UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15	<table border="1"> <thead> <tr> <th>A</th> <th>B</th> <th>EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0-15</td> <td>0-10</td> <td></td> </tr> <tr> <td>15</td> <td>10</td> <td>25</td> </tr> </tbody> </table>			A	B	EWONKE	0-15	0-10		15	10	25
A	B				EWONKE								
0-15	0-10												
15	10	25											
B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10												
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>25</b>												